



It starts with a story...

Tell a tale!

When you hear someone say “fairy tale”, which stories do you think of? We all know some fairy tales, folktales, or *intsomi*. Whether they were home-grown here in Africa or come originally from Europe, these are the magical stories with strange, out-of-this-world characters like fairies, tokoloshes, giants, monsters, elves and witches that we love to hear and read.

Nobody knows exactly how long fairy tales have been around because they existed in their oral form long before any of them were written down, but they’ve definitely been with us for thousands of years. They’ve also moved around the world being told and reinterpreted in different ways depending on where they land!

The thing about great fairy tales is that they last! They can be told over and over again in different ways that make them relevant for new audiences. Ntombizanele Mahobe, one of the authors of the Xhosa version of *The Adventures of Pinocchio*, talks about what it was like retelling this well-known story, originally from Italy, in a South African setting: “We began by reading lots of different versions of the story. We wanted our version to stay true to the heart of the original story, but we also wanted South African children to be able to recognise familiar things and places in it. We thought hard about each of the characters and what they represented in the story, and then found South African equivalents for them.”

“Throughout time, people have learned from each other through stories,” explains Carole Bloch from Nal’ibali. “We need to take the great world stories and retell them in our own way for children here at the tip of Africa. Fairy tales have themes and lessons in them that are universal. When we retell them in an African setting, it is more likely that our children will connect with them.”

Every year on 26 February, the world celebrates the magic of fairy tales on Tell-a-fairy-tale Day. This Tell-a-fairy-tale Day, join Nal’ibali in reading a fairy tale and retelling one in your own way in your home!

Balisa intsomi!

Xa usiva umntu esithi “intsomi”, ingaba zeziphi iindidi zamabali ocinga ngazo? Sonke sinazo iintsomi namabali emveli abaliswa ekhaya esiwaziyo. Nokuba intsusa yawo yeyalapha e-Afrika okanye avela eYurophu, la ngamabali emilingo nabalinganiswa abangaqhelekanga nabangafaniyo nabo sibaziyo, abafana nemikhonjane, oothikoloshe, izigebenga, amarhamncwa kunye namagqwirha, nesithanda kakhulu ukuva nokufunda ngabo.

Akukho bani wazi ngokuchaneke ngqo ukuba lingakanani na ixesha zikho iintsomi kuba zazibaliswa ngomlomo kwakude-kudala, ngaphambili le kokuba zibe zibhalwa phantsi, kodwa into eqinisekileyo yona kukuba ngamawaka-waka eminyaka zikho. Kwaye ke, zilijikelezile ihlabathi zibaliswa, kwaye zitolikwa ngokutsha ngokulawulwa yiloo ndawo zifikelele kuyo!

Into ebalulekileyo ngeentsomi ezimnandi kukuba zihlala zihleli! Zingabaliswa ziphinda-iphindwe ngeendlela ezohlukileyo ezizenza zifanele abo bazibaliselwayo ngelo thuba. UNtombizanele Mahobe, ongomnye wababhali bentsomi esihloko sithi, *Amahlandinyuka kaPinocchio*, ubalisa malunga nokuba kwakunjani ukulungelelisa ngokwesimo-ntlalo saseMzantsi Afrika, kwanokubalisa kwakhona eli bali laziwa jikelele, nelintsusa yalo ise-Italy: “Saqala ngokufunda iindlela ezininzi ezohlukileyo eli bali elithe labaliswa ngazo. Sasifuna ukuba neyethu indlela esilibalisa ngayo ingemki kakhulu kwibali elo liyitsusa, kodwa sasifuna abantwana baseMzantsi Afrika bakwazi ukuzinakana izinto abaziqhelileyo kunye neendawo abaziqhelileyo apha ebalini. Sacinga nzulu ngomlinganiswa ngamnye kunye nezinto abazimeleyo apha ebalini, ukuze sifumane abalinganiswa abangqamene nabo neziganeke ezifanelekileyo kwisimo-ntlalo saseMzantsi Afrika.”

“Kwamhlamnene, abantu babefunda kwabanye kusetyenziswa amabali,” ucacise ngelitshoyo uCarole Bloch weNal’ibali. “Kufuneka sithathe amabali ehlabathi nawaziwayo jikelele, siwabalise kwakhona ngendlela yethu, siwabalise abantwana balapha kwincam ye-Afrika. Iintsomi zinemixholo kunye neemfundiso ezifanayo jikelele kwihlabathi ngokubanzi. Xa sizibalisa kwakhona kwisimo sentlalo sase-Afrika, amathuba maninzi okuba abantwana beithu bakwazi ukunxulumanisa intsingiselo yazo kunye neemeko abakuzo.”

Nyaka ngamnye ngomhla wama-26 kweyoMdumba, ihlabathi libhiyozela umlingo weentsomi ngoSuku lokuBalisa iNtsomi. Ngako oko ke ngolu Suku lokuBalisa iNtsomi, zibandakanye kunye noNal’ibali ekufundeni intsomi kwakunye nokuphinda ubalise enye yazo ngendlela yakho ekhayeni lakho!



Drive your
imagination

Story Power.
Bring it home.
Wazise ekhaya amandla ebal.





Story stars



Inspired to write

Kiera-Lee Hayes is the author of *The Boerewors Man* on page 8 of this supplement – and she is only twelve years old! We visited Kiera-Lee at her home in Cape Town to find out more about her.

Where did you get the idea for *The Boerewors Man*?

I was inspired by last year's Short Story Day Africa Competition theme which was to rewrite a legend, myth or fairy tale.

How long ago did you write it?

I was 10 years old when I wrote it. When I was 11, I wrote another story, *Mama Khali's Pap*, that Na'ibali is going to use for its radio programmes.

Do you have any more stories that you want to write?

I have folders full of stories, screenplays, poems and novels! Some are finished, others still have to be completed. At the moment, my best friend and I are writing a story together. We were inspired by an outing to a historical monument in Cape Town.

What kind of books do you like?

I have been hooked on books since I was 6 years old. I love reading all kinds of books: fantasy, adventures and mysteries, real-life stories and historical fiction. Whether I enjoy a story depends on the style of the writer. If the stories are funny, they are usually a big hit!

Who is your favourite author?

C.S. Lewis! (He wrote the *Narnia* series.) When I was little, I loved all of Niki Daly's books!

What would you like to do when you grow up?

I'd like to keep writing, but I also enjoy making and directing movies with my friends, so maybe there is something in that for my future.

What advice would you give other children about reading?

Reading is one of the best ways to spark your imagination. It's increased my vocabulary and made school work a lot easier, especially English literature.



Kiera-Lee Hayes
UKiera-Lee Hayes

Iimbalasane zamabali



Ukuvuselelwa ukuze ubhale

UKiera-Lee Hayes ngumbhali webali elisihloko sithi, *The Boerewors Man* neliguqulelwe esiXhoseni njengo-*Indoda yeSoseji* kwiphepha le-8 kolu hlelo – kwaye uneminyaka nje eli-12 kuphela! Sindwendwele uKiera-Lee kwikhaya lakhe eKapa ukuze sifumanise ngakumbi ngaye.

Wayifumana phi ingcinga ngebali elisihloko sithi *Indoda yeSoseji*?

Ndavuselelwa ngumxholo woKhuphiswano loSuku lwamaBali amaFutshane ase-Afrika owawungokuphinda ubhale ngokutsha ibali lentsusa okanye intsomi.

Walibhala nini eli bali?

Ndandineminyaka eli-10 ubudala ukulibhala kwam. Xa ndandineminyaka eli-11, ndabhala elinye ibali, elisihloko sithi *Mama Khali's Pap*, eliza kusetyenziswa nguNa'ibali kwiinkqubo zakhe zikanomathotholo.

Ingaba unawo amanye amabali ofuna ukuwabhala?

Ndineefayile ezizele ngamabali, imidlalo kamabonwakude, imibongo kunye neenoveli! Ezinye zigqityiwe, ukanti ezinye zisafuna ukugqityezelwa. Ngalo mzuzu, mna kunye nomhlobo wam osenyongweni sibhala ibali kunye. Savuselelwa kukuzikhupha saya kwisakhiwo esakhelwe ukuba sisikhumbuzo sezembali eKapa.

Uthanda eziphi iintlobo zeencwadi?

Ndazithanda iincwadi ndiseneminyaka emi-6 ubudala. Ndithanda ukufunda uhlobo lonke nje lwencwadi: ezibuntsonirha, ezingamahla-ndinyuka kunye nezigigaba zobomi, amabali ayinyaniso kunye nabalisa ngezembali. Ukulonwabela nokungalonwabeli ibali kuxhomekeka kwisimbo sombali. Amabali ahlekisayo aqhele ukuthandeka kakhulu!

Ngubani oyena mbhali umthanda kakhulu?

Ngu-C.S. Lewis! (Lo mbhali wabhala uthotho lweencwadi ezisihloko sithi *Narnia*.) Ngokuya ndandisemncinane, ndandizithanda zonke iincwadi ezibhalwe nguNiki Daly!

Ungathanda ukwenza ntoni xa ukhulile?

Ndingathanda ukuqhubeka ndibhala, kodwa ndiyakonwabela ukwenza kunye nokulawula ukwenziwa kweemuvi kunye nabahlobo bam, mhlawumbi ke kukho into endinokuyifumana apho ngokubhekiselele kwikamva lam.

Lithini icebo onokulinika abanye abantwana malunga nokufunda?

Ukufunda yenye yezona ndlela zilungileyo zokuvuselela imifanekiso-ntelekelelo. Kusandisile isigama sam kwaye kuwenza lula kakhulu umsebenzi wam wesikolo, ingakumbi uncwadi lwesiNgesi.




Create your own cut-out-and-keep book


1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
2. Fold it in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again.
4. Cut along the red dotted lines.

Zenzele eyakho incwadana onokuyisika-ze-uyigcine

1. Thatha iphepha le-3 ukuya kwele-6 kolu hlelo.
2. Wasonge phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
3. Phinda uwasonge phakathi.
4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.



“Hayi yho, awudluli apha. Ndiyeza ukuzakukubimbiliza!” lakhwaza irhamncwa.
 “Nceda ungandityi,” waphendula uBhokhwana omNcinane wakwaGruff. “Ndihibhityile kwaye ndingamathambo ukuba unganditya. Linda de uzibonele uBhokhwana oPhakathi wakwaGruff. Yena mkhulwana kwaye utyebile kunam.”
 “Xa kunjalo ke, hamba, phambi kokuba nditshintshe ingqondo!” lakhwaza irhamncwa.



“Oh no you're not. I'm coming to gobble you up!” shouted the monster.
 “Please don't eat me,” replied Little Billy Goat Gruff. “I'm much too skinny and bony for you. Wait until you see Middle Billy Goat Gruff. He's bigger and fatter than me.”
 “Well, be off with you then, before I change my mind!” shouted the monster.

UBhokhwana omNcinane wafika kugala ebhulorweni. Qhwayi, qhwayi, qhwayi! zavalala impuphu zeBhokhwana eNcinane yakwaGruff.
 “Ngubhwayi-qbhwayi kabani lo ndimvayo phezu kwebhulorho yam?” lakhwaza irhamncwa.
 “Ndim nje kuphela,” watsho uBhokhwana omNcinane wakwaGruff ngezizwi eliqavileyo, “ndiya encotshe ni yalaa ndulana ukuya kuzityela ingca eluhlaza enencasa.”




Little Billy Goat reached the bridge first. Click clack click clack! went the hooves of Little Billy Goat Gruff. “Who's that click-clacking over my bridge?” shouted the monster.
 “It's only me,” said Little Billy Goat Gruff in his bravest voice, “and I'm going up to the top of the koppie to eat the sweet, green grass.”

The three Billy Goats Gruff

OoBhokhwana abaThathu bakwaGruff

Carole Bloch
 Shayle Bester




We publish what we like

This is an adapted version of *The three Billy Goats Gruff*, published by Jacana Media and available in bookstores and on-line from www.jacana.co.za. This story is available in isiZulu, isiXhosa, English, Afrikaans, Siswati, Sepedi, Sesotho, Setswana and Xitsonga. Jacana publishes books for young readers in all eleven official South African languages. To find out more about Jacana titles go to www.jacana.co.za.

Funda ibali eliyintsusa elithi, *OoBhokhwana abaThathu bakwaGruff*, elishicilelwe yi-Jacana Media kwaye elifumaneka ezivenkileni zeencwadi nakwi on-line ku-www.jacana.co.za. Eli bali likwafumaneka ngesiZulu, ngesiNgesi, nge-Afrikaans, ngeSiswati, ngeSepedi, ngeSesotho, ngeSetswana, nangeXitsonga. I-Jacana ishicilela iincwadi zabafundi abaselula ngazo zonke iilwimi ezivunyiweyo ezilishumi elinanye zaseMzantsi Afrika. Ukuze ufumane iinkcukacha ezigcweleyo ngeetayitile ze-Jacana yiya ku: www.jacana.co.za.

© Jacana Media (South African rights only) Tel: (011) 628 3200

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukozonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ngeenkukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



Fold



Big Billy Goat Gruff stared hard at the bridge. "Then he took a deep breath and said in a big voice, "What's there to be scared of? It's just a silly old monster. Let's go!"

Kodwa ngenye imini, kwakungekho nto yokuya tu ishiyekileyo – kungekho nesuntswana okanye imeva eli. Oobhokhwana bajonga indlana engaphaya kwebhulorho baza bavuzela izinkcwe.

"Ndilambile," wakhulaza ubhokhwana omNcinane wakwaGruff.

"Ndiyafata yindala," wambombozela ubhokhwana oPhakathi wakwaGruff.

Ubhokhwana omKhulu wakwaGruff wajonga ntsho-ebhulorhweni. Wema ngokuzithemba waza wathi ngezizwi elikhulu, "Yintoni eniyoyikayo? Lirhamncwa nje-e elidala eliya. Masihambeni!"

Once upon a time there were three Billy Goats who lived in the veld. The first one was called Little Billy Goat Gruff. The second one was called Middle Billy Goat Gruff, and the third one was called Big Billy Goat Gruff.

They didn't like their dry, flat veld home very much. It was so thorny and dusty that whatever they ate got stuck in their throats.

Kudala-dala kwaye kukho oobhokhwana abathathu ababehlala emadlelweni. Owokuqala wayebizwa ngokuba ngubhokhwana omNcinane wakwaGruff. Owesibini wayebizwa ngokuba ngubhokhwana oPhakathi wakwaGruff aze owesithathu yena abizwe ngokuba ngubhokhwana omKhulu wakwaGruff.



Next it was Middle Billy Goat Gruff's turn to cross the bridge. *Click clack click clack!* went the hooves of Middle Billy Goat Gruff.

"Who's that click-clacking over my bridge?" roared the monster.

"It's only me," said Middle Billy Goat Gruff. "And I'm going up to the top of the koppie to eat the sweet, green grass," he said in his bravest voice.

Kwalandela ubhokhwana oPhakathi wakwaGruff ukwela ibhulorho. *Qhwayi, qhwayi, qhwayi!* zavaakala iimpuphu zikabhokhwana oPhakathi wakwaGruff.

"Ngubhwayi-qbhwayi kabani lo ndimwayo phezu kwebhulorho yam?" lagquma ithwamncwa.

"Ndim nje kuphela," watsho ubhokhwana oPhakathi wakwaGruff. "Kwaye ndiya encosheni yalaa ndulana ukuya kuzityela ingca eluhlaza encencasa," watsho ngezizwi eliqavileyo.





Fold

But one day, there was nothing left to eat – not even a seed pod or a thorn. The Billy Goats gazed across the bridge at the koppie. Their mouths watered.

“I’m hungry,” moaned Little Billy Goat Gruff.
 “I’m starving,” groaned Middle Billy Goat Gruff.

“Hayi yho, awudluli aphal Ndiyenza ngoku ukuzakukubimbiliza,” lagquma irhannamcwa.
 “Nceda ungandityi,” waphendula uBhokhwana oPhakathi wakwaGruff. “Ndibhityile kwaye ndingamathambo ukuba unganditya. Linda uzibonele uBhokhwana omkhulu wakwaGruff. Mkhulu kwaye utyebile kunam.”
 “Xa kunjalo ke, hamba, phambi kokuba nditshintshengingondol!” lagquma irhannamcwa elirhalayo.




“Oh no you’re not! I’m coming to gobble you up,” roared the monster.
 “Please don’t eat me,” replied Middle Billy Goat. “I’m much too skinny and bony for you. Wait until you see Big Billy Goat Gruff. He’s bigger and fatter than me!”
 “Well, be off with you then, before I change my mind!” roared the greedy monster.



Babengalithandi konke konke ikhaya labo elalilidlelo elomileyo elithe tyaba. Lalomile kwaye linameva kangangokuba yonke into ababeyitya yayixaba emqaleni.

And from that day on, the three Billy Goats Gruff had a new home on the koppie, where they grew fat on the sweet, green grass.

Ukususela loo mini, ooBhokhwana abathathu bakwaGruff baba nekhaya elitsha endulini, nalapho bathi batyeba kukutya ingca eluhlaza enencasa.



Fold

Ngaphaya kwebhulorho kwakukho indulana egqunywe nguqagaga oluhlaza yaka onencasa. Kodwa phantsi kwala bhulorho kwakuhlala irhamncwa elidala eloyikekayo. Amehlo alo ayelenyeza okwemengo ezivuthiweyo kwaye linempumlo enkulu nedumbe okwevatala. Lathisithi xa lilambile irhamncwa, limpakuzelise imlebe lenze isandi esasivakala ngathi ngumbane ulanyaza esibhakabhakeni size eso sisu salo sikhulu sixuxuzele okwezulu lizongoma. Lathisuke likhwaze lenjenje, “Ukuba kukho nabani na owela ibhulorho yam, ndakumbimbiliza!”

Yiyo loo nto oBhokhwana abathathu bakwaGruff bengazange bakhe bayityelele le ndulana naloo qaqaga wayo uluhlaza yaka nonencasa.

Across a bridge was a koppie covered with sweet, green grass. But under that bridge lived a fierce, old monster. His eyes gleamed like ripe mangoes and his nose was swollen up like a watermelon. When he was hungry he'd smack his lips together so hard that it would sound just like lightning cracking across the sky, and his huge belly would tumble like thunder. Then he'd shout, "If anyone dares to cross my bridge, I'll gobble them up!"

No wonder the three Billy Goats Gruff had never visited the koppie with its sweet, green grass.



Just then Big Billy Goat Gruff arrived at the bridge. *Click click click* went the hooves of Big Billy Goat Gruff. The Billy Goat was so heavy that the bridge creaked and groaned under him.

“Who’s that click-clacking over my bridge?” bellowed the monster.

Kanye ngelo xesha uBhokhwana omKhulu wakwaGruff wafika ebhulorhweni. *Qhwayi, qhwayi, qhwayi!* zavalala imphphu zikaBhokhwana omKhulu wakwaGruff. UBhokhwana wayenzima kangangokuba ibhulorho yakrixiza yenza ingxolo phantsi kwakhe.

“Ngubhwayi-qbwayi kabani lo ndimvayo phezu kwebhulorho yam?” lakhonya irhamncwa.



“It is I. Big Billy Goat Gruff,” boomed Big Billy Goat Gruff in his loudest voice.

“I’ve waited long enough,” bellowed the monster, rising up from under the bridge. “I’m coming to gobble you up right now!”

“Oh no you’re not!” boomed Big Billy Goat Gruff. He put his head down and charged at the monster with his sharp horns.

“*Einaaaa!*” shrieked the monster as he was tossed into the sky. He disappeared out of sight and was never seen again.

“Ndim. UBhokhwana omKhulu wakwaGruff,” wabhonga uBhokhwana omKhulu wakwaGruff ngelona lizwi likhwazayo.

“Kudala ndilindle,” labhonga irhamncwa, laphakama phantsi kwebhulorho. “Ndiyeza ukuza kukubimbiliza ngoku!”


“Hayi yho, awusokuze uyenze loo nto!” wabhonga uBhokhwana omKhulu wakwaGruff. Wathoba intloko waza wangqala ngqo kwirhamncwa ngeempondo zakhe ezitsolo.

“*Shuuuu!*” lagxwala likhala irhamncwa njengoko lalijulelwa phezulu esibhakabhakeni. Lathi shwaka alaze liphinde libonwe.

Get story active!

After you and your children have read *The three Billy Goats Gruff*, you might like to try out some of these ideas. Choose ones that best suit your children's ages and interests.

- ★ Discuss the story together. Let your children talk about the parts of the story they liked the most and the least. Encourage them to give reasons for their opinions. Here are some other open-ended questions you could talk about together.
 - The monster could easily have eaten the smallest or the middle-sized goats, but he chose to wait for the biggest one. Why do you think he did this? How would the story have been different if he had eaten the smallest or middle-sized goat?
 - How do you think the goats knew that there was a monster living under the bridge?
 - Do you think the goats were brave or silly to cross the bridge? What would you have done?
- ★ Encourage younger children to draw pictures of a scary monster. They could even make up a name for their monster.
- ★ Play a game with older children. Ask them to describe a monster while you draw what they describe. Then swap roles and let them draw a monster you describe.
- ★ Let your children make a scene of the bridge using simple materials like clay, cardboard boxes and/or sticks. Try to collect differently coloured grass or paper to represent the dry, brown grass and the sweet, green grass on either side of the bridge. Help them to make puppets of the Billy Goats Gruff and the monster. They can use the insides of toilet rolls, sticks, matchsticks and/or paper to make their puppets. Now have fun retelling the story using all of the objects you have made together.



Yenza ibali linike umdla!

Emva kokuba wena nabantwana bakho nifunde ibali elisihloko sithi, *OoBhokhwana abaThathu bakwaGruff*, mhlawumbi ungathanda ukuzama ezinye zezi ngingane. Khetha ezo zizezona zilungele ubudala nemidla yabantwana bakho.

- ★ Xoxani ngebali ninonke. Vumela abantwana bakho bathethe ngezona ndawo bazithande kakhulu apha ebalini kwanezo bangazithandanga kakhulu. Bakhuthaze ukuba bakunike izizathu ngezimvo zabo. Nantsi eminye imibuzo evulelekileyo neninokubuzana yona ninonke.
 - Irhamncwa ngelalivite nje lula ibhokhwana encinane okanye ephakathi, kodwa lakhetha ukulinda eyona inkulu. Ucinga ukuba kutheni lenza oko? Beliza kohluka njani ibali ukuba irhamncwa lalivite ibhokhwana encinane okanye ephakathi?
 - Ucinga ukuza zazisazi njani iibhokhwe ukuba kwakukho irhamncwa elalhlala phantsi kwebhulorho?
 - Ucinga ukuba iibhokhwe zazingamagorha okanye zazinemfeketho xa zazinqumla ibhulorho? Wawuza kwenza ntoni wena ukuba yayinguwe?
- ★ Khuthaza abantwana abancinane ukuba bazobe imifanekiso yerhamncwa eloyikekayo. Bangalithiya nokulithiya igama elo rhamncwa balizobileyo.
- ★ Dlalani umdlalo nabantwana abadlala. Bacele ukuba balichaze irhamncwa uze uzobe loo nkcazelo bakunike yona. Tshintshanani ngokwenza oko, ukuze ibe ngabo ngoku abazoba irhamncwa olichazayo.
- ★ Vumela abantwana bakho bakhe ibhulorho besebenzisa izinto ekulula ukuzifumana ezifana nodongwe, iikhadibhodi kunye/okanye nezinti. Zama ukuqokelela ingca enemibala engafaniyo okanye amaphepha ukubonisa ingca eyomileyo nemdaka ngebala kunye naleyo iluhlaza yaka nenencasa ikwelinye icala lebhulorho. Bancedise ukwenza iipapethi zeeBhokhwana zakwaGruff kunye nerhamncwa. Bangasebenzisa umphakathi werolo yephepha langasese, izinti, imicinga yematshisi kunye/okanye nephepha ukwenza iipapethi zabo. Ngoku ke, zonwabeleni ngokubalisa ibali kwakhona nisebenzisa zonke ezi zinto nizenze nonke.

In your next Nal'ibali supplement:

- Join us as we celebrate World Read Aloud Day
- Enjoy a special World Read Aloud Day story by famous author and storyteller, Gcina Mhlophe
- Get your World Read Aloud Day 2015 badge
- The final part of the Story Corner story, *The Boerewors Man*

Did you know that Nal'ibali supplements come in a range of South African languages? Visit the "Supplements" section at www.nalibali.org to download the supplement in English-isiXhosa, English-isiZulu, English-Sesotho and English-Afrikaans.

Find us on Facebook:
www.facebook.com/nalibaliSA
Sifumane ku-Facebook:
www.facebook.com/nalibaliSA



Kuhlelo lwakho olulandelayo lweNal'ibali:

- Zibandakanye nathi njengokuba sibhiyozela uSuku lweHlabathi lokuFunda ngokuVakalayo
- Yonwabela ibali loSuku lweHlabathi lokuFunda ngokuVakalayo elibhalwe ngumbhali nombalisi-mabali owaziwayo, uGcina Mhlophe
- Fumana ibheji yakho yonyaka wama-2015 yoSuku lweHlabathi lokuFunda ngokuVakalayo
- Inxalenye yokugqibela yebali leNdawo yamaBali elisihloko sithi, *Indodana yeSoseji*

Ubuzazi ukuba iintlelo zikaNal'ibali zifumaneka ngeelwimi ezohlukileyo zaseMzantsi Afrika? Ndwendwela icandelo elithi "Supplements" ku-www.nalibali.org uzikopele uhlelo ngesiNgesi-nesiXhosa, isiNgesi-nesiZulu, isiNgesi-neSesotho kunye nesiNgesi-ne-Afrikaans.

Nal'ibali on radio!

Enjoy listening to stories in isiXhosa and in English on Nal'ibali's radio show:

Umhlobo Wenene FM on Monday to Wednesday from 9.30 a.m. to 9.45 a.m.

SAfm on Monday to Wednesday from 1.50 p.m. to 2.00 p.m.



UNal'ibali kunomathotholo!

Yonwabela ukuphulaphula amabali ngesiXhosa nangesiNgesi kwinkqubo kanomathotholo yeNal'ibali:

Umhlobo Wenene FM ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu kusasa, ukususela ngo-9.30 ukuya ngo-9.45.

SAfm ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu emini, ukususela ngo-1.50 ukuya ngo-2.00.



The Children's Literacy Charter is a guide for adults to ensure our children get the best literacy experiences possible. Visit www.nalibali.org to read all 11 literacy rights!

Story corner

Here is the traditional story, *The Gingerbread Man*, retold in a South African setting. Enjoy it!

The Boerewors Man (Part 1) Retold by Kiera-Lee Hayes

It was early evening. The Smith family were sitting outside enjoying the smell of boerewors on the braai.

"Dad! Please hurry up!" Hayley moaned. "I'm soooo hungry!"

"Here you go!" her father said a little while later as he handed Hayley two pieces of boerewors sausage twisted together. It looked just like a little man.

"A boerewors man!" said her mother and laughed.

Hayley opened her mouth to take a big bite.

"No!" cried a deep voice. "You can't eat me!"

Hayley jumped up and let go of the Boerewors Man.

"You ... you can talk!" she stuttered.

"Of course I can talk!" The little man got up and brushed himself off. "And you can't eat me!"

"But I'm starving!" Hayley complained.

The Boerewors Man took one look at all the people sitting outside, then he ran across the yard and squeezed under the gate!

"Catch him!" shouted Hayley.

The Smith family followed Hayley out the gate and ran down the road after the Boerewors Man. They passed another family out walking their dog.

"Where are you going?" asked the father.

"We're trying to catch the Boerewors Man! Help us!" said Hayley.

So, the Smiths and the other family and their dog all ran down the road trying to keep the little man in sight.

As they turned into the next road, they met a fruit seller wearing a blue-patterned doek that covered her pink, plastic curlers. Hayley shouted to her to help them and the fruit seller joined the party chasing the Boerewors Man. Just then the Boerewors Man began to sing:

*"They'll never catch me,
No matter how they try,
I'm too fast for them
As I run by!"*

"Hiip! Hiip!" The fruit seller nearly jumped out of her skin as a shaggy brown pony that was pulling a rickety cart came trotting up behind her.

"We're after that Boerewors Man," she explained to the cart driver.

"You can ride with us in the cart," he offered.

Next a taxi pulled up on the corner. A dozen people poured out and the driver shouted out the window, "Peninsula Road! Come, come, let's go!"

Hayley turned round to everyone following her and shouted, "Hurry! Look – a taxi!"

Get your supplement next week to find out if the Smith family will ever catch the Boerewors Man!

Indawo yamabali

Nali ibali lemveli elisihloko sithi, *Indodana yeJinja*, libaliswa kwakhona kwisimo sentlalo saseMzantsi Afrika. Lonwabele!

Indodana yeSoseji (Inxalenye 1) Libaliswa kwakhona nguKiera-Lee Hayes

Kwakusandul' ukutshona ilanga. Usapho lakwaSmith lwaluhleli phandle lonwabele ivumba lesoseji eyayisojiwa.

"Tata! Nceda ukhawulezise!" wakhalaza uHayley. "Ndilambe kakhuluuulu mna!"

"Nantso ke!" watsho utata wakhe emva komzuzwana lo gama anika uHayley amaqathana amabini aphithanisiweyo esoseji. Ayekhangeleka ngathi yindodana encinane.

"Indodana yesoseji!" watsho umama wakhe ehleka.

UHayley wakhamsa elungiselela ukuyinkamfula kakhulu ngamazinyo.

"Hayi bo!" kwatsho ilizwi elingqokolayo. "Awunakho ukunditya!"

UHayley waxhuma wayiyeka Indodana yeSoseji.

"U ... uyathetha kanti!" uthintithe njalo.

"Ewe ndiyakwazi kakade ukuthetha!" Indodana encinane yaphakama yazivuthulula. "Kwaye awukwazi nje tu ukunditya!"

"Kodwa ndilambile nje!" wakhalaza uHayley.

Indodana yeSoseji yalunguza ijonga wonke umntu owayehleli phandle, yaze yabaleka yanqumla eyadini yaya kuthubeleza elucingweni ukuze iphumele ngaphaya kwamasango!

"Bamb' apho!" wahlaba umkhosi uHayley.

Usapho lakwaSmith lwalandela uHayley luphuma esangweni, lwaze lwabaleka luleqa Indodana yeSoseji. Badlula kolunye usapho olwaluwakisainja yalo.

"Niyaphi?" kwabuza utata.

"Sizama ukubamba Indodana yeSoseji! Sincediseni!" watsho uHayley.

Ngoko ke, usapho lakwaSmith kunye nolunye olu usapho kwakunye nenja yalo babaleka behla ngendlela bezama ukuba le ndodana ingasitheli emehlweni abo.

Xa bejikele, bengenakwisitalato esilandelayo, bahlangana nomthengisi weziqhamo enxibe iqhiya eluhlaza ehonjisiweyo neyayigqume iirolo ezipinki zeplastiki ezaziphotho iinwele zakhe. UHayley wamkhwaza ukuba abancede waze umthengisi weziqhamo wangenelela naye ekusukeleni Indodana yeSoseji. Kanye ngelo xesha Indodana yeSoseji yaqalisa ukucula:

*"Soze bandifumane,
Nokuba bangazama kangakanani,
Ndinamendu kunabo
Ndiyagqotsa ke mna!"*

"Iyho! Yho!" Umthengisi ziqhamo wothuka waphantsa ukubhubha akubona inqwelwana egoqozayo netsalwa lihashe elimdaka ngebala isiza emva kwakhe.

"Sisukela laa Ndodana yeSoseji," wacacisela umqhubi wenqwelo.

"Ningakhwela nonke apha enqwelweni," yacebisa yatsho le ndoda.

Ngokulandelayo kwamisa iteksi ngasekoneni. Kwaphuma abantu abalishumi elinesibini waze umqhubi wakhwaza ekrobe ngefestile, "Abaya ePeninsula Road! Yizani, khwelani masihambeni!"

UHayley waguquka wajonga kuye wonke umntu owayemlandela wakhwaza, "Khawulezani! Jongani – iteksi!"

Funda uhlelo lwakho kwiveki ezayo ukuze ufumanise ukuba ingaba usapho lakwaSmith luza kuyibamba kusini na Indodana yeSoseji!



Illustration by Vian Oelofsen
Umfanekiso nguVian Oelofsen